URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Almaret du Toit
ICandelo leKharityhulam ye-GET
almaret.dutoit@westerncape.gov.za | 021 467 2172

Inombolo yefayili.: 21/2/5/2/INCREASE IN TIME
Isalathiso: 20230314-2507

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET* 0003/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi beZifundo beSigaba esiSiseko, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaCandelo eZifundo zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

ISihloko: Ukulawulwa kwexesha lokufunda ekuphulukenwe nalo – ukomelezwa kokufundwa koLwimi neMathematika kwiSigaba esiSiseko

1. Le ngcaciso imfutshane inika iingcebiso nenkcazelo engaphezulu malunga nokubuyiselwa esiqhelweni kokufundiswa kwekharityhulam yeSigaba seSiseko ngo-2023.

2. Ubhubhane i-COVID-19 wenze uphazamiseko olungazange lubonwe ngaphambili kwinkqubo yemfundo kwilizwe lonke. Esinye seziphumo ezenziwe ngubhubhane kukuncitshiswa kwexesha lokufundisa nokufunda, nokubangele ukuphulukana nexesha lokufunda elibalulekileyo. Iingxelo zehlabathi lonke nezalapha ezininzi, zingqina oku nemiba eyingxaki efana noku:
    - *How is the COVID-19 pandemic affecting educational quality in South Africa?, 2020 ngu-Martin Gustafsson no-Carol Nuga.*
    - *Western Cape Education Department (WCED) Systemic Diagnostic Report, 2022;*
    - *I-WCED Systemic Diagnostic Results Report, 2022; kunye*
    - *Learning losses from COVID-19 in the Western Cape, 2019–2021 ngu-Servaas van der Berg, Ursula Hoadley, Jaamia Galant, Chris van Wyk no-Bianca Böhmer we- Research on Socio-Economic Policy Team we-Stellenbosch University.*

3. Zizonke, ezi ngxelo zibonisa ukuba amanqanaba okufunda ehlile kakhulu kwiSigaba esiSiseko yaye ngenxa yoko, kuchaphazeleke kakhulu iMathematika nokufunda.

4. Ukuthomalalisa impembelelo ye-*COVID-19* ekufundeni nasekufundiseni, iSebe i-WCED laphumeza inkqubo yokubuyisela ukufundiswa kwekharityhulam esiqhelweni yeminyaka emininzi (*multi-year curriculum recovery approach)*.

5. Njengenxalenye yale nkqubo yokubuyiselwa kokufundiswa kwekharityhulam esiqhelweni yeminyaka emininzi (*multi-year curriculum recovery approach*), iSigaba seSiseko sabelwa ixesha elongezelelweyo kwiMathematika neeLwimi.

6. Oku kulingwe kwiKota 3 no-4 ngo-2022 kwaza kwaziswa izikolo kusetyenziswa iNgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET* 0008/2022, yomhla we-19 Julayi 2022.

7. Olu kwabelwa ixesha elongezelelweyo kwabekwa esweni yaye kwajongisiswa kwakhona. Isaveyi yathunyelwa ezikolweni kusetyenziswa iNgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET* 0011/2022, yomhla we-07 Novemba 2022, ukufumana ingxelo ngokuqhubekayo kootitshala nokubheka phambili.

8. Yi-55% yezikolo zizonke ezayigqibayo isaveyi apho i-94% eziphenduleyo (*respondents)* zacebisa ukuba kuqhutyekwe nokwabelwa ixesha elongezelelweyo ngo-2023.

9. Imodeli yexesha elongezelelweyo kwiSigaba seSiseko yokubuyiselwa kwexesha lokufunda ekuphulukenwe nalo yendlalwa kwiBhunga laBaphathiswa beMfundo (*Council of Education Ministers)* nelakuvumayo ukuphunyezwa kwexesha elongezelelweyo ukubuyisela eli xesha kuphulukenwe nalo.

10. ISetyhula S5 ka-2023, yomhla we-12 Februwari 2023, yakhutshwa liSebe leMfundo esiSiseko ukwazisa amasebe emfundo amaphondo ngexesha elongezelelweyo kwiSigaba seSiseko. Makufundwe isiHlomelo A.

11. Ukwabela ixesha elongezelelweyo kwiMathematika nakuLwimi kwiSigaba seSiseko kuya kuphunyezwa de kube sekupheleni kuka-2024.

12. Kuya kulindeleka ukuba iiKomiti zoLawulo zeZikolo (*School Management Teams (SMT))* neentloko zamacandelo ezifundo zeSigaba esiSiseko zinike inkxaso kootitshala yaye zibeke esweni ukuphunyezwa kwenkqubo.

13. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beSigaba seSiseko ezikolweni zazo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2023-03-16